Incwadana Yokwenza

UPHICOTHO NTLALO

eMzantsi Afrika

“Kumazwe amaninzi, kukho ugxininiso kumagama afana nentathonxaxheba, ukuhambaze, okanye ukuzibhenca, impendulongxelo kulawulo – onke la magama angumhluzi wophicotho ntlalo.”

Aruna Roy eno Nikhil Dey

Amalungu esiseko se
Mazdoor Kisan Shakti Sangathan

Incwadana Yokwenza

UPHICOTHO NTLALO

eMzantsi Afrika

isiqulatho

Yintoni Uphicotho Ntlalo? **4**

Imigaqo Yophicotho Ntlalo: **6**

- Lukhokelwa Ngabahlali
- Lunceda Ukufezekisa Amalungelo Aqulathwe KuMgaqosiseko Nasekwakheni Amandla Abahlali
- Kufuneka Lube Yinxalenye Yephulo Lokukhankasa
- Luhlola Kwaye Luqinisekisa Ubunyani Bamaxwebhu Karhulumente
- Luqokelela Ubungqina Kwaye Lunika Igunya Kumava Oluntu
- Lubophelela Urhulumente Ekunikezeleni Iingxelo Nokuthobela Uluntu Ngokubamba Iintlanganiso Zesidlangalala Nokulandelela Izigqibo
- Aluthathi Cala

IQONGA 1:

Ukulungiselela Nokuceba Uphicotho Ntlalo **14**

IQONGA 2:

Ukwenza Uphicotho Ntlalo **18**

Inyathelo 1: Ukubamba Intlanganiso Yesidlangalala Nokufumana Imvume Yoluntu

Inyathelo 2: Ukulungiselela Nokuququzelela Iqela Labathathinxaxheba

Inyathelo 3: Ukuqeqesha Abathathinxaxheba

Inyathelo 4: Ukwenza Nokuvavanya Uxwebhu-mibuzo Okanye Ikhweshineri Yophicotho Ntlalo

Inyathelo 5: Ukuqokelela Ubungqina Ekuhlaleni

Inyathelo 6: Ukunqakula Amava Oluntu Nobungqina Obenziwa Esidlangaleleni

Inyathelo 7: Ukuvumelana Kwiziphumo Eziphambili Nokuhlengahlengisa Ubungqina

Inyathelo 8: Ukulungiselela Umhlangano Wesidlangalala

Inyathelo 9: Ukubamba Intlangano Ngxoxo Yesidlangalala

Inyathelo 10: Ukubuyela Ngasemva Nokujonga Phambili

YINTONI UPHICOTHO-NTLALO?

Uphicotho-ntlalo yinkqubo ekhokelwe luluntu ekhuthaza intatho-nxaxheba kawonkewonke ekufakeni phantsi kweliso elibukhali indlela urhulumente anikezela ngeenkonzo nachitha ngayo imali.

Xeshikweni kusenziwa lenkqubo yophicotho-ntlalo, abahlali baphengulula amaxwebhu karhulumente bethelekisa okuqulathwe kulamaxwebhu namava abo njengabantu ekufaneleke baxhamle kwiinkonzo zikarhulumente.

Abahlali baqokelela ubungqina kwakunye namava oluntu ngeenkonzo zikarhulumente ze babuthi thaca obu bungqina kwiingxoxo namagosa karhulumente.

IMIGAQO YOPHICOTHO-NTLALO

Uphicotho ntlalo lukhokelwa ngabahlali

Uphicotho-ntlalo lwenziwa ngabahlali balo ndawo ichaphazelekayo kwaye lujolise ngqo kwimiba ebalulekileyo netshisebunzi ngokwembono yabahlali abo. Olu phicotho-ntlalo lwenziwa ngolwimi lweenkobe lwabahlali abo kwaye luyinkqubo ebandakanya wonke umntu, ingakumbi abesetyhini nolutsha.

Uphichotho ntlalo lunceda ekufezekiseni amalungelo aqulathwe kumgaqosiseko nasekwakheni amandla abahlali

Uphicotho-ntlalo lukhuthaza isithethe sokuvuku'zenzela kubahlali, kwaye lunceda nabo basemngciphekweni ukuvavanya amalungelo abo ngokuqulathwe kuMgaqosiseko. Kwimoyentlalo ethwaxwa kukungalingani, apho uninzi lungaxhamli kwiinkonzo ezifikelelayo eluntwini, uphicotho-ntlalo luveza amathuba okuba uluntu luziququzele lukhankasa lutsalela abantu emibuthweni kwaye lusakha amandla abahlali.

Luyindlela yokuba abo bangasiwa sweni bakwazi ukuphakamisa ilizwi labo ze bamanyelwe. Uphicotho-ntlalo luyindlela yokunika igunya abahlali bakwazi ukubanga amalungelo abo ngokoMgaqo-siseko, ingakumbi kwimeko yokungafezekiswa izithembiso zokuzisa ubulungisa nomasilingane eluntwini. La malungelo aquka ilungelo lokuthatha inxaxhebo kulawulo, ukuphuhlisa indlela urhulumente asabela ngayo nanika ngayo ingxelo eluntwini, nokuphuhlisa indlela asebenza ngayo urhulumente. Ngale ndlela uphicotho-ntlalo luncedisana neempula-zikalujaca kwakunye nabasebenzi ekubeni benze igalelo kukumilisela iingcambu intatho-nxaxheba kawonke-wonke, inkqubo yolawulo lwabantu nokuphuhlisa izinga lobomi labantu bonke.

Uphicotho ntlalo lufanele lube yinxalenye yophulo loku khankasela inkxaso

Uphicotho-ntlalo lwenziwa njengenxalenye yophulo loku khankasela inkxaso, hayi njengendlela ezime-leyo yokuzisa inguqu. Inguqu entlalweni ithatha ixesha kwaye iziganeko ezingozimelegeqe zivathe ukungenzi mahluko ungako kwaye azinabomi bude. Ngoko ke uphicotho-ntlalo libukhali gqitha xana lusetyenziswa njengezinye zezixhobo zophulo loku khankasela inxaso, ukutsalela amehlo kwiingxaki ezitshisa ibunzi nokwakha igunya kwizikhalazo zoluntu.

Uphicotho ntlalo luqokelela ubungqina kwaye lunika igunya kumava oluntu

Uphicotho-ntlalo lujolisele ekuhlonipheni amava nolwazi lwabahlali njengezinye zeendlela zobungqina. Amabali kwakunye neengxelo zabantu zibalulekile kwingqokelela yobungqina bophicotho-ntlalo. Ezindlela zobungqina ziphikisana kwaye zicela umngeni kwiindlela ezisoloko zikhonya nezisetyenziswa ngabo bongamele ulawulo luka rhulumente, ngokuthi zithi thaca amava nolwazi lwabahlali embindini wentatho-nxaxheba nengxoxo-sisombululo.

Lo ngumba obalulekileyo ekuqiniseni amandla oluntu nto leyo ingundoqo kwinkqubo yophicotho-ntlalo. Kananjalo, ikwayenye yezinto ezibalulekileyo ekwenzeni umahluko phakathi kwendlela yokuphanda – isaveyi (survey) – eyenziwa ngabantu abasuka ngaphandle kwasekuhlaleni, nophicotho-ntlalo olukhokelwa ngabahlali bendawo.

Uphicotho ntlalo luhlola kwaye luqinisekise ubunyani kumamaxwebhu karhulumente

Uphicotho-ntlalo ludinga ukuba kubekhona ukufikeleleka kumaxwebhu karhulumente. La maxwebhu aquka uxwebhu lohlahlo lwabiwo-mali, ingxelo yenkcitho-mali, amaxwebhu eethenda zomsebenzi nawesivumelwano (iikhontrakthi), amaxwebhu entlawulo eyenziweyo (ii risiti), kwakunye nemithetho, iingxelo, imigaqo-nkqubo (iipolisi), izicwangciso kwakunye nezithethe nemigangatho exhasa konke oku.

Ngokuqokelela ubungqina nokufumana ulwazi ngezithembiso zeenkonzo ezenziwe ngurhulumente, uluntu luyakwazi ukungqinisisa nokuthelekisa izithembiso nezigunyaziso zikarhulumente nento eyenzekayo ekuhlaleni ngokwamava abo njengabahlali malunga neenkonzo zikarhulumente. Ukungqinisisa iingxelo zikarhulumente kuquka udliwano-ndlebe nabahlali ngamava abo malunga naloonkonzo karhulumente kwakunye nokwakha umkhanya kwizinto zokusebenza neenkonzo zikarhulumente. Le nkqubo ingathi idinge ukuzinikela kwemibutho yoluntu kwakunye nabahlali ngexesha labo nemithombo yabo.

Uphicotho ntlalo lubophelela urhulumente ekukunikezeni iingxelo nokuthobela uluntu ngokubamba iimbizo noluntu nangokulandelela yonke into

Uphicotho-ntlalo luquka iintlanganiso zoluntu apho abahlali befumana ithuba lokuthi thaca iziphumo zophando kwakunye namava abo ngeenkonzo zikarhulumente, nalapho amagosa karhulumente afumana ithuba lokuziphendulela. Le ke iba yimbizo yabahlali apho bakwazi ukuphakamisa, baxovule bexoxa ngemiba echaphazela ubomi babo phambi kwaloo magosa karhulumente, wona anoxanduva lokunikezela ngeenkonzo eluntwini. Ngale ndlela kuyakwazeka ukuphembelela isithethe sokunikeza ingxelo rhoqo eluntwini ngurhulumente nokuzisa ubulungisa apho amalungelo abantu athe asengelwa phantsi okanye atyeshelwa khona. Le kufuneka ibe yindawo apho abahlali kwakunye norhulumente bathi badibanise iintloko ukuxazulula imiba engaginyisimathe ngenjongo yokufumana isisombululo kumba ngamnye.

Amagosa karhulumente ayacelwa ukuba enze isithembiso sokuthatha amanyathelo ukulungisa apho konakele khona, ze abe selebuyela kubahlali ukuyokunika ingxelo ngethuba elisikiweyo. Le nto ifuna iindlela zokulandelisisa ukuqinisekisa la magosa abanjwe ngezizithembiso azenzileyo, kwanabo bebethatha inxaxheba kuyo yonke le nkqubo yophicotho-ntlalo bayazifumana iingxelo rhoqo malunga nomgama osele uhanjiwe.

Uphicotho-ntlalo aluthathi cala

Uphicotho-ntlalo lungabandakanya ezopolitiko kodwa alusekelwanga kumaqela ezopolitiko. Ngoko kufuneka luphembelele ukubeka kwiso elibukhali zonke izigaba zikarhulumente ukususela koomasipalati ukuya kumaphondo nakwilizwe liphela ngokungakhethanga ukuba leliphi iqela elilawulayo. Ukungathathi cala kubalulekile ukuqinisekisa ukuba uphicotho-ntlalo luvulelekile kwaye alunasinyanzeliso. Ukuvuleleka kuyanceda ngokuphikisana nombono weenkokheli zopolitiko ezityhola ngokuthi uphicotho-ntlalo luqhutywa yimibutho ehambisana namaqela ezopolitiko okanye enenjongo zopolitiko.

Uphicotho ntlalo sisixhobo esinamandla soluntu nesinokusetyenziswa ekuzibandakanyeni ngendlela eyakhayo norhulumente apho amajelo okuthatha inxaxheba nasekwe ngurhulumente angasebenziyo khona. Uphicotho ntlalo olukhokelwa ngabahlali luyinqwelo yokuququzelela nokwakha amandla oluntu. Kananjalo lukwayindlela yokuphanda nokuthatha inxaxheba kulawulo. Uphicotho ntlalo lukwayinkundla yabahlali nalapho bakwazi ukuveza izikhalazo zabo nokwenza intathonxaxheba yoluntu nenkqubo yolawulo lwesininzi ibe yinyani.

IQONGA 1

Ukulungi-selela nokuceba uphicotho-ntlalo

IQONGA 1: Ukulungiselela nokuceba uphicotho-ntlalo

LUNGISELELA

Seka Intembeko Eluntwini

Khangela ze uhlangane kwaye uxoxisane nemibutho kwakunye neenkokheli zoluntu

Khangela Umba

Sebenza noluntu ukukhangela umba omawuphicothwe

Fumana Abaxwebhu Karhulumente

Qinisekisa ukuba ngubani kurhulumente onoxanduva lokuzisa iinkonzo ebantwini, wandule ukuqokelela amaxwebhu karhulumente afumanekayo

CEBA NGONONOPHELO

- Misela iqela labaququzeleli
- Ququzelela abahlali abathatha inxaxheba
- Qhagamshelana nabanye abanendima kulo mba
- Misela iintsuku zophicotho-ntlalo ze uququzelele konke okumakwenziwe

Imibutho ezinze ezindaweni zoluntu oluziimpula zikalujaca nakwiindawo ezihlala isigaba esisebenzayo, okanye leyo iye yakha ubudlelwane nabantu, namakhonkco emibutho, kwakunye nemibutho ezinze kwezindawo, yiyo ekwimeko elungileyo yokwenza uphicotho ntlalo.

IQONGA 2

Ukwenza uphicotho-ntlalo

Emva kokugqiba ukuceba nokulungiselela, iqonga elilandelayo kukwenza uphicotho-ntlalo buqu. Eli candelo lalo mqulu lichaza amanyathelo abalulekileyo nangamashumi ekwenzeni uphicotho-ntlalo.

INYATHELO 1:

Ukubamba intlanganiso yoluntu nokufumana imvume yoluntu

Injongo: *Ukwazisa umndilili ngophicotho-ntlalo, ukucela imvume yokuqhubeka apho kuloo ntlanganiso, nokuceba intatho-nxaxheba yoluntu kwinkqubo yophicotho-ntlalo.*

Enye yezinto ezisisiseko sophicotho-ntlalo yeyokuba kufuneka lukhokelwe ngabahlali. Emva kokuba uzazisile wafumana intembeko eluntwini, kufuneka ufumane imvume yokwenza uphicotho-ntlalo kuloo mba utshisebunzi kwabo bahlali. Indlela engcono yokukwenza oku, kukubiza intlanganiso yomndilili wabahlali, ukwenza oku ngokubambisene namalungu asekuhlaleni anendima.

Ukuze kufumaneke imvume, kufuneka amalungu asekuhlaleni acacelwe gca yinjongo yolu phicotho-ntlalo, ukuba luzakuqhubeka njani, kwaye anikwe nethuba lokubuza imibuzo esabelana nangento ayijongileyo kolu phicotho-ntlalo. Oku ke kwenza ukuba ube nakho ukuceba nzulu uphicotho-ntlalo olu.

INYATHELO 2:

Ukulungiselela nokuququzelela iqela labathathi-nxaxheba

Injongo: *Ukwazisa inkqubo nendlela yophicotho-ntlalo kweli qela labathathi-nxaxheba, ukuxoxa kuboniswana ngemiba ebandakanyekayo kuloo nkonzo iphicothwayo, nokundwendwela loo ndawo luzakwenziwa kuyo uphicotho-ntlalo olo.*

Emva kokuthatha isigqibo sokuba yeyiphi loo nkonzo karhulumente ekufanele yenziwe uphicotho-ntlalo, nokuba ngobani amalungu oluntu ekufanele enze olo phicotho-ntlalo, abaququzeleli kufuneka ke baququzelele belungiselela elo qela lizakube lithatha inxaxheba. Abathathi-nxaxheba kufuneka baphiwe ithuba lokwazana nokuqonda ngendima nomsebenzi womntu ngamnye kolo phicotho-ntlalo.

Kufuneka baphiwe ithuba lokuxoxa ngamava abo achaphazela iingxaki ezingqonge loo nkonzo iphicothwayo. Le ngxoxo ingaluncedo ekutsoliseni nasekuphuhliseni uxwebhu-mibuzo (ikhweshineri) lophicotho-ntlalo, nemiba ekufuneka ixoxwe kwintlanganoso kawonke-wonke kunye namalungu karhulumente. Kwanemiba ekufuneke ilandeleliswe emva kokugqitywa kophicotho-ntlalo.

Undwendwelo lwendawo echaphazelekayo lungaluncedo ekunikeni abo bathatha inxaxheba umqondo malunga naloo mabakala ekufuneka aqwalaselwe kuphicotho-ntlalo olo. Konke oku kuqinisekisa ukuba abo bathatha inxaxheba bathabathela ezandleni zabo ubunini benkqubo yophicotho-ntlalo kwaye baziva bekhululekile ngako konke ekulindeleke ukuba bakwenze.

INYATHELO 3:

Uqeqesho lwegqiza labathathi-nxaxheba

Injongo: *Ukwazisa ngendlela (imethodi) yophicotho ntlalo, yaye oku kusenziwa ngendlela eyonwabisayo nebandakanya uwonke-wonke. Nokuvulela iqonga kuwonke-wonke ukuba kuhlolwe kwaye kufundwe ngoko kunokuthi kwenzeke xana kuqhutywa uphicotho-ntlalo. Kububuchule nokufunda malunga nenkonzo karhulumente leyo kwakunye namaxwebhu karhulumente abandakanyekayo kuloo nkonzo.*

Ngahle kuthi kanti ngamalungu egqiza eliphambili anokuthi abe kanti anamava ekuqhubeni uphicotho-ntlalo. Abathathi-nxaxheba abazakuqhuba uphicotho kufuneka baqeqeshwe ukwenzela ukuba bazithembe koko kufanele bakwenze.

Abathathi-nxaxheba kufuneka bafumane uqeqesho kwimiba emibini. Okokuqala, uqeqesho kwindlela (imethodi) yophicotho-ntlalo kufuneka luquke imbali, imiqathango, kwakunye nendlela okanye imethodi yokwenza uphicotho. Okwesibini, uqeqesho kwinkonzo karhulumente echaphazelekayo kufuneka luquke indlela yokuhlola amaxwebhu karhulumente achaphazelekayo nathe afunyanwa ligqiza elo lichophele uphicotho.

Kwakhona, olu qeqesho kufuneka lubandakanye ingxoxo ethelekisa umbono karhulumente namava oluntu nasekelelwe entlalweni yoluntu olo.

INYATHELO 4:

Ukwenza nokuvavanya uxhwebhu-mibuzo lophicotho-ntlalo

Injongo: *Ukuqulunqa imibuzo nezinye izixhobo zokuqokelela ubungqina ekuhlaleni.*

Ukuqulunqa imibuzo nezinye izixhobo zokuqokelela ukungqina yinto ekufuneka yenziwe nguye wonke umntu othatha inxaxheba kuphicotho-ntlalo. Ukwenza oku kunceda wonke umntu ukuba aqonde ukuba kungani na bebuza imibuzo ethile kwaye kungokuba kutheni na bebhala iimpendulo ngendlela ethile.

Ikwanceda nokwenza abantu baziqhele izixhobo abazakube bezisebenzisa. Lento ke yakha ulwazi nobunini kwaye iyakuvelisa iziphumo ezinesihlahla nentembeko.

INYATHELO 5:

Ukuqokelela ubungqina ekuhlaleni

Injongo: *Ukuqokelela ubungqina kusetyenziswa ikhweshineri.*

Ukuqokelela ubungqina kubalulekile kuphicothontlalo. Kungayinto ethatha ixesha kwaye nenokuntsokotha. Iinkokheli zamaqedlana zidlala indima ebalulekileyo ekuqinisekiseni ukuba ukuqokelelwa kobungqina kuyinto ehamba ngaphandle kwamakhwiniba nokuba amaqela ngamaqela akulungiselele oku.

Iinkokheli eziphambili zamaqela nezingqingqisholo zingenza umahluko omkhulu kulo msebenzi. Ngoko ke kubalulekile ukuba kuqinisekiswe ukuthi ezi nkokheli zizilungiselele kwaye zifumana inkxaso kumsebenzi wazo.

Iindlela zokuqokelela ubungqina zingaquka udliwanondlebe, ukuqinisekisa ngobuqu, kwanemifanekiso. Phambi kokuqalisa ngokuqokelela ubungqina, kufuneka uqinisekise ukuba uyagqiba kwelokuba ngubani ozakwenza ntoni, kwaye kufuneka igqitywe nini na.

Xa kusongwa usuku ngalunye lokuqokelela ubungqina, kubalulekile ukuvumela abathathi-nxaxheba ukuba baxoxe ngoko bakufumanisileyo bekwaphosa ngasemva kolo suku namahla-ndenyuka alo.

INYATHELO 6:

Ukunqakula amava oluntu kwakunye nobungqina obenziwa esidlangalaleni

Injongo: *Ukunqakula ngokuphelelelyo amava nobungqina babahlali ngendlela elungiselelweyo nengena nzulu.*

Ulwazi oluqokelelwe ngodliwano-ndlebe lwekh-weshineri, isiqinisekiso buqu, namafoto ayibubo bungqina obubodwa nobamkelekileyo. Maxa wambi abusiniki bungqina bupheleleyo. Ubungqina butyety-iswa ngokuthi buthungelwe kumava entlalo yabantu. Kungenxa yoku ke kunyanzelekile ukuba uqokelele ubugqina ngobomi babahlali.

Obu bungqina kufuneka buhlanganiswe neziphumo zophicotho-ntlalo, kwaye bubekwe phambi kwamagosa karhulumente xeshikweni kuqhutywa intlanganiso-ngxoxo naloo magosa.

INYATHELO 7:

Ukuvumelana kwiziphumo eziphambili nokuququ-zelela ubungqina

Injongo: *Ukuhluza nokuhlenga-hlengisa kuhlatywa amadlala ubungqina, ukunceda uwonke-wonke ukuba abuqonde, nokubhala ingxelo. Eli nyathelo lingokuvumelana kwiziphumo nokuqinisekisa ukuba unobungqina obuxhasa iziphumo ofuna ukuzizisa kwintlanganiso-ngxoxo phakathi kwabahlali namagosa karhumunte.*

Lomsebenzi kufuneka ubandakanye bonke abathathi-nxaxheba kuphicotho-ntlalo. Kubalulekile ukuthi wonke umntu othatha inxaxheba uyabuqonda ubungqina neziphumo. Oku kuquka nabo bangenzi ngxelo kwintlangano-ngxoxo leyo yesidlangalala.

Kwelinqanaba, iqela ngalinye lakube lifumanise iziphumo ezisekelelwe kubungqina obo eloqela libuqokeleleyo. Ezi ziphumo kufuneka zixoxwe kwaye kuvunyelwane ngemiba etshisebunzi nekufanele ukuba ivezwe apho eluntwini.

Kungakho imfuneko yokuba ujonge bonke ubungqina obuqokelelweyo, ingakumbi ukuba bekungekho xesha laneleyo lokunqakula nokuhlenga-hlengisa kuhlatywa amadlala xeshikweni kuqokelelwa obo bungqina.

INYATHELO 8:

Ukulungiselela umhlangano wesidlangalala

Injongo: *Ukugqibezela amalungiselelo nokulungiselela abathathi-nxaxheba nabahlali ukuba baveze ubungqina esidlangalaleni.*

Emva kokuqokelela ubungqina ngobomi babahlali, ukugqibezela iziphumo zophando, nokuhlengahlengisa ubungqina, ngoku ufikelele kwinqanaba lokulungi-selela intlanganiso yesidlangalala. Kufuneka kwenziwe izigqibo zokuba ngubani ozakwenza ingxelo kulo ntlanganiso-ngxoxo. Abobantu kuyakufuneka ukuba bazilungiselele kwangethuba ukunika lengxelo.

Abahlali kufuneka baziswe kwaye bamenyelwe kule ntlanganiso. Amajelo eendaba kufuneka nawo azisiwe ngale ntlanganiso, kwaye ancediswe ukuba abe nolwazi lokuba yintoni uphicotho-ntlalo, lwenziwa njani kwaye yintoni injongo yentlanganiso yesidlangalala. Amalungiselelo nawo kufuneka ecetyiwe.

INYATHELO 9:

Ukubamba intlanganiso yesidlangalala

Injongo: *Ukuveza iziphumo zophicotho-ntlalo, ubungqina neengcebiso zento emayenziwe neya kumagosa karhulumente nabakhimkhanya, nokuxoxa indlela eya phambili.*

Emva kokuzilungiselela, olu suku lentlanganiso lude lafika. Kufuneka abaququzeleli baphawule izinto ezithile. Wonke umntu kufuneka ayiqonde imiba ezakuxoxwa ngolo suku kwakunye nemiqathango intlanganiso ebanjwa phantsi kwayo.

Oku kungavezwa kukhatshwa lulwazi oluthe vetshe ukuncedisa uluntu luyiqonde inkqubo nenjongo yophicotho-ntlalo. Iziphumo kufanele zivezwe ngendlela ecacileyo nefikelelekayo, ukanti zixelwe ngeelwimi ezifanelekileyo ukuqinisekisa ukuba wonke umntu uyaziva, uyaziqonda. Kwakhona ukunika ithuba urhulumente aziphendulele.

INYATHELO 10:

Ukubuyela-ngemva nokujonga phambili

Emva kwentlanganiso yesidlangalala kubalulekile ukufumana indlela yokugcina umdla nxinzelelo kurhulumente ukwenzela alungise apho konakele khona koko kuvezwe luphicotho-ntlalo.

Le nto ifuna ulandelelo kuluntu – ukugcina abahlali bethatha inxaxheba kwaye benomdla – nakurhulumente – ukugcina urhulumente esenza intando yoluntu kwaye efezekisa izithembiso eluntwini. Kukwabalulekile ukujonga ngasemva kwindlela esele ihanjiwe nokuqwalasela iindlela zokuba uphicotho-ntlalo lungaphuhliswa njani na.

Nazi izinto onokucinga ngazo xa ubuyela ngemva:

- Ngubani othathe inxaxheba, kwaye ingubani ongakhange athathe inxaxheba? Uphicotho ntlalo luye lwaba lufumana intembeko eluntwini?
- Ngubani oye wathetha kwaye ingubani ongathethanga? Ingaba uphicotho-ntlalo luye lwaquka uwonkewonke?
- Ngubani owenze izigqibo, kwaye zenziwe njani? Ingaba uphicotho ntlalo belukhokelwa ngabahlali?
- Ngawaphi amanyathelo angasebenzanga kakuhle?
- Ingaba uphicotho-ntlalo luye lwafezekisa obe ukulindele okanye lwaba neziphumo obe ungazilindelanga?
- Yintoni ozakuyenza ngendlela eyahlukileyo xana usenza uphicotho-ntlalo kwakhona?

Ilungelo labo bonke abemi base Mzantsi Afrika lokuba bathathe inxaxheba kwimicimbi yombangazwe kuzwelonke liqulathwe kuMgaqosiseko kwaye luyinxalenye yomthetho phantsi kwenkqubo yolawulosininzi okanye idemokhrasi. Icandelo 195 loMgaqosiseko lunyanzelisa ukuba zonke iinkalo zikarhulumente, amacandelo ombuso, kwakunye namashishini oluntu aqinisekise ngoku kulandelayo:

- *Iimfuno zabantu kufuneka ziphendulwe.*
- *Uluntu kufuneka lukhuthazwe ukuthatha inxaxheba ekuqulunqweni kwepolisi.*
- *Ulawulo lukarhulumente kufuneka luphendule eluntwini.*
- *Urhulumente kufuneka ahambeze kuluntu kwaye athi rhoqo ngokunika iingxelo ezinyanisekileyo, ezifikelelekayo, neziphuma ngexesha.*

Umongo wale ncwadana ufunxwe kwi
'***A Guide to Social Audits in South Africa***'
yona efumaneka e:
https://www.internationalbudget.org/publications/guide-to-conducting-social-audits-in-south-africa/.

Incwadi epheleleyo yashicilelwa ngo 2015 kwaye izalwa yintsebenziswano phakathi kwe ***Social Justice Coalition*** (SJC), ***i Ndifuna Ukwazi*** (NU) kwakunye ne ***International Budget Partnership*** (IBP), befumana igalelo kwi ***Equal Education***.

Sibulela i ***Open Society Foundation*** (OSF-SA) ngenxaso yayo ye ***Social Audit Network*** (SAN), namalungu elikhonkco okanye inethiwekhi ngegalelo lawo kumsebenzi wokumilisela lendlela yophicotho ntlalo.

Ilungiselelwe yaphaphashwa yi **Trinity Loubser**. Ishicilelwe eKapa yi **Tandym Print**.
Imifanekiso ngu **David Harrison, Shuan Swingler** nabanye abaphicothi ntlalo.

i Social Audit Network
socialaudits.org.za

Qhagamshelana no: **Thando Mhlanga**
i Imeyili: **thando@socialaudits.org.za**
i Feyisibhuku: **SANSouthAfrica** iTwitha: **SAN_SouthAfrica**

i Social Justice Coalition
sjc.org.za

Qhagamshelana no: **Tyronne McCrindle**
i Imeyili: **tyronne@sjc.org.za**
i Feyisibhuku: **sjcoalition** iTwitha: **sjcoalition**

International Budget Partnership for South Africa
www.internationalbudget.org/budget-work-by-country/ibps-work-in-countries/south-africa/

Qhagamshelana no: **Jessica Taylor**
i Imeyili: **jtaylor@internationalbudget.org**
i Feyisibhuku: **internationalbudgetpartnershipsouthafrica**

Open Society Foundation for South Africa
www.osf.org.za

i Feyisibhuku: **osf1sa** iTwitha: **osfsa**

OPEN SOCIETY FOUNDATION
FOR SOUTH AFRICA